



Edition 68
IsiXhosa, English

It starts with a story...

Happy birthday, Nal'ibali!

It's our second birthday! Yes, that's right, on 5 June 2014 the Nal'ibali supplement has been around for two years! We're the only bilingual reading-for-enjoyment supplement in South Africa dedicated to bringing you stories to enjoy with the children in your life, as well as information and support, ideas for reading clubs and story activities!

Just like you, at Nal'ibali we are passionate about bringing stories and children together. Just like you, we look for opportunities to support our children on their literacy journeys to help make sure that they develop into lifelong readers. In a world where being able to use reading and writing effectively is so important, together with you we are helping to make sure that no child misses out on the magical pleasure that reading can give!

The isiXhosa word *Nal'ibali* means "Here's the story". So, here's the story of Nal'ibali's first two years.

- ★ **2 116** parents, teachers, librarians, NGO practitioners and reading club volunteers, as well as **426** reading clubs have joined the Nal'ibali network. (You can too at www.nalibali.org or www.nalibali.mobi.)

- ★ **136** reading clubs across the Western Cape, Eastern Cape, Gauteng, KwaZulu-Natal, Free State and Limpopo have received hands-on guidance and support from us.
- ★ The **98 761** visitors to our website and mobisite have been able to access reading-for-enjoyment information, tips and ideas; free downloadable stories; back issues of the Nal'ibali supplement, and other resources and fun extras like the Nal'ibali ringtone and wallpapers for their cellphones.
- ★ Our **3 327** fans on Facebook and **1 785** followers on Twitter, regularly share their reading club pictures, enjoy Wednesday Wisdoms, and access even more literacy tips and inspiration.
- ★ There have been **67** editions published in isiXhosa and English, isiZulu and English, Sesotho and English, and Afrikaans and English that have included:
 - **106** children's stories
 - **148** literacy activities for children
 - **140** articles with information about reading and writing with children.

- ★ **176 500** copies of each supplement edition were inserted into newspapers sold on the street and in shops, and **30 000** free copies were delivered to reading clubs and schools.
- ★ So, since we started in 2012 we have we have produced and distributed **15 732 400** reading-for-enjoyment supplements!

Join us in celebrating how we have all helped to grow a love of stories and reading in South Africa's children. We look forward to being your reading-for-enjoyment partner for another year!



Mini emnandi kuwe, Nal'ibali!

Sigqiba iminyaka emibini sikhona! Ewe, awuphazami, ngomhla wesi-5 kweyeSilimela kowama-2014, uhlelo lukaNal'ibali luzakuba lugqiba iminyaka emibini lukhona! Siluhlelo olulodwa kuphela eMzantsi Afrika lokufundela ukuzonwabisa olubhalwe ngeelwimi ezimbini nelizininikele ekukuphatheleni amabali onokuwonwabela nabantwana abasebomini bakho, nolukwaqulathe ulwazi nenkxaso, kwakunye neengcebiso zeeklabhu zokufunda kunye nemisebenzi nemidlalwana esekelwe emabalini!

Ngokufanayo nje nawe, kwaNal'ibali sikuthanda kakhulu ukhlanganisa amabali kunye nabantwana. Kwangokufanayo nje nawe, sikhangelanga amathuba okuxhasa abantwana bethu kuhambo lwabo lwelitheresi ukuze sancedise ekuqinisekiseni ukuba bakhula babengabafundi ubomi babo bonke. Kwihlabathi apho ukwazi ukufunda nokubhala ngokukuko kubaluleke kakhulu, sikunye nawe sanceda ekuqinisekiseni ukuba akukho namnye umntwana ophoswayo bubumnandi bomlingo esiwuphathelwa kukufunda!

Igama lesiXhosa elithi, *Nal'ibali* lidla ngokusetyenziselwa ukukhombisa ukuba "Kuqala ibali ngoku". Ngoko ke, nali ke nyhani ibali leminyaka emibini kaNal'ibali.

- ★ Ngama-**2 116** abazali, ootitshala, oosothala, abasebenzi abazingcali beeNGO namavolontiya

eeklabhu zokufunda, kwakunye nama-**426** eeklabhu zokufunda ezijoyine isixokelelwano sikaNal'ibali. (Nawe ungasijoyina ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi.)

- ★ Li-**136** leeklabhu zokufunda kweleNtshona Koloni, eMpuma Koloni, eGauteng, KwaZulu-Natal, eFreyistata naseLimpopo ezixhamle ngqo ekukhokelweni nasekuntantanyisweni sithi kwanakwinkxaso evela apha kuthi.
- ★ Abo bandwendwele iwebhusayithi kunye nemobhisayithi yethu abangama-**98 761** bakwazile ukufikelela kulwazi lokufundela ukuzonwabisa, iingcebiso kunye neengcingane, amabali anokukotshwa simahla, iintlelo ezidlulileyo zakwaNal'ibali, kunye neminye imithombo kwanezinye izinto ezongezelelweyo zokuzonwabisa ezifana neengoma zakwaNal'ibali ezikhala eseluleni nemifanekiso evela kubuso beselula.
- ★ Abalandeli bethu abangama-**3 327** kuFacebook kunye ne-**1 785** labalandeli kuTwitter, bathe gqolo ukwabelana nathi ngemifanekiso yeeklabhu zabo zokufunda, bonwabele iiWednesday Wisdoms, kwaye bafikelela lula kwiingcebiso zeliitheresi novuseleleko.

- ★ Kupapashwe iintlelo ezingama-**67** ngesiXhosa nesiNgesi, isiZulu nesiNgesi, iSesotho nesiNgesi, kwakunye ne-Afrikaans nesiNgesi eziquka:
 - i-**106** lamabali abantwana
 - i-**148** lemiseteyenzana yeliitheresi yabantwana
 - i-**140** lamanqaku anengcaciso malunga nokufunda nokubhala nabantwana.
- ★ I-**176 500** leekopi zohlelo ngalunye zifakwe kumaphephandaba athengiswa ezitalatweni nasezivenkeleni, kwaze kwahanjiswa ama-30 000 eekopi zasimahla kwiklabhu zokufunda nasezikolweni.
- ★ Ngoko ke, ukusukela okokoko saqala ngowama-2012 sivelise saza sahambisa iintlelo zokufundela ukuzonwabisa ezizigidi ezili-**15 732 400!**

Sijoyine ekubhiyozeleni indlela esithe sonke sanceda ngayo ekukhuliseni uthando lwamabali nokufunda kubantwana baseMzantsi Afrika. Sijonge phambili ngothakazelelo olukhulu lomnye unyaka wokuba liqabane lakho lokufundela ukuzonwabisa!



Drive your imagination

Read with me. Every day.
Funda kunye nam. Yonke imihla.





Drive your imagination

Say it and find it!

Do you know how say "happy birthday" in all of South Africa's official languages? Try reading the "happy birthday" message in the Na'ibali characters' speech bubbles. Then find birthday words in the word search block!

Libize uze ulikhangele!

Ingaba uyakwazi ukuthi "mini emnandi kuwe" ngazo zonke iilwimi zaseMzantsi Afrika ezisemthethweni? Zama ukufunda umyalezo othi, "mini emnandi kuwe" kumaqamza entetho abalinganiswa beNa'ibali. Emva koko ke khangele amagama anxulumene nosuku lokuzalwa kwibloko yokukhangele amagama!



B	B	A	C	T	C	H	I	P	S
N	I	W	E	G	A	P	A	T	D
P	R	E	S	E	N	T	S	U	R
A	T	E	O	P	D	G	W	K	A
R	H	F	I	G	L	N	E	J	C
T	D	C	A	K	E	I	E	R	S
Y	A	M	U	X	S	S	T	P	R
V	Y	Z	A	M	W	I	S	H	N

- | | | |
|----------|----------|--------|
| BIRTHDAY | CHIPS | SWEETS |
| CAKE | PARTY | WISH |
| CANDLES | PRESENTS | |
| CARDS | SING | |

A	U	M	N	Q	W	E	N	O	V
M	I	N'	E	M	N	A	N	D	I
A	T	W	A	Z	A	L	W	A	K
K	H	Q	W	V	I	U	Z	J	E
H	E	X	P	A	A	C	G	L	Y
A	K	E	S	E	K	E	L	I	I
D	O	H	P	I	Z	I	F	B	K
I	I	T	S	H	I	P	S	I	I

- | | | |
|-------------|-----------|----------|
| WAZALWA | IITSHIPSI | IILEKESE |
| MIN'EMNANDI | ITHEKO | UMNQWENO |
| IKEYIKI | IZIPHO | |
| AMAKHADI | CULA | |

Na'ibali on radio!

Enjoy listening to stories in isiXhosa and in English on Na'ibali's radio show:

Umhlobo Wenene FM on Monday to Wednesday from 9.30 a.m. to 9.40 a.m.

SAfm on Monday, Wednesday and Friday from 1.50 p.m. to 2.00 p.m.



UNa'ibali kunomathotholo!

Yonwabela ukuphulaphula amabali ngesiXhosa nangesiNgesi kwinkqubo kanomathotholo yeNa'ibali:

Umhlobo Wenene FM ngoMvulo ukuya ngoLwesithathu kusasa, ukususela ngo-9.30 ukuya ngo-9.40.

SAfm ngoMvulo, ngoLwesithathu nangoLwesihlanu emini, ukususela ngo-1.50 ukuya ngo-2.00.

Get the story ready to read!

1. Take out pages 3 to 6 of this supplement.
2. To separate the pages, cut down the middle of pages 4 and 5.
3. Fold along the red dotted line.
4. If possible, keep the story in a plastic pocket to protect it.

Yenza ibali lilungele ukufundwa!

1. Khupha iphepha lesi-3 ukuya kwelesi-6 kolu hlelo.
2. Ukohlula amaphepha, sika phakathi iphepha lesi-4 nelesi-5.
3. Lisonge kumgca onamachaphaza abomvu.
4. Ukuba unakho, gcina eli bali kwisingxobo esiyiplastiki ukulikhusela.



“Mama! Mama!”

“What’s the matter, Lethabo?” asked Lethabo’s mama as she ran into the room.

“Mama, I’d like a drum for my birthday!”

“But Lethabo – a drum?” Her mama shook her head.

“Not just any drum, Mama. A drum from West Africa, please.” And she sang as she danced around her room. *Dum dum de dum!*

Lethabo’s mama listened to the singing. She thought about her father. She remembered him sitting outside their hut in the sun. Between his legs stood a big drum. He was beating it, calling all the men and women of the village to a feast. A fire was blazing. He was smiling at Lethabo, his new granddaughter, as she lay in her mother’s arms.

“Oh, how I miss my father,” Mama thought. “But wait a minute! I still have some of his things in the suitcase under my bed.”

Mama found the old suitcase under the bed. “Oh no, there are spiders on it!” Mama complained.

At the sound of her voice, the spiders scuttled away. Mama pulled the suitcase out and opened it. Inside she found a small drum – just the right size for Lethabo.

“Oh, thank you, Father! I remember this drum! You made it for Lethabo!”



There wasn’t a sound coming from Lethabo’s bedroom. Quietly, Mama tip-toed to the bedroom and opened the door. The light from the moon shone on her daughter as she slept. Mama put the drum on the floor next to the bed and kissed Lethabo’s cheek. “Happy birthday, Lethabo,” she said quietly. “Happy birthday from me and from your grandfather.”

Fold

The birthday wish

by Michelle Friedman

Illustrations by Alzette Prins

“Oh dear,” thought Lethabo’s mama as she sat at the kitchen table. “What shall I do? Tomorrow is Lethabo’s birthday and there’s very little money to buy a present.”

Lethabo stood at the sink humming as she washed the dishes. “*Mmmm la la... Mmmm la la.*”



“Lethabo,” said Mama, “it’s your birthday tomorrow. What can I give you?”

“Oh, Mama,” said Lethabo, “I don’t know what I want.”

“I’ll think of something,” Mama said.

Dum dum de dum ... dum dum de dum. Mama’s fingertips touched the table top. Lethabo liked the sound. “*Dum dum de dum ... dum dum de dum,*” she sang quietly as she went into her bedroom. She took off her shoes and sat on her bed. “What do I want for my birthday?” Lethabo said aloud.

“Funny you should ask that!” said a voice.

“Who’s there?” said Lethabo standing up. “I don’t see anybody.”

“I’m under the bed!” said the voice.

“Please come out!” Lethabo jumped back on her bed. “Eeek!”



Drive your
imagination

Nalibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark children’s potential through storytelling and reading. For more information, visit www.nalibali.org or www.nalibali.mobi



There, in front of her, stood a spider. He stood on eight long legs. They looked like sticks.

"I'm so sorry I scared you!" The spider bowed his head. "My name is Felix. I'm an Anansi spider."



"I'm Lethabo. I like your hat!"

"Thank you, Lethabo. My hat comes from Ghana! It's the colours of the flag of Ghana – red, yellow and green."

"Where's Ghana?" asked Lethabo.

"It's very far away in Africa," answered Felix.

"What's an Anansi spider?" asked Lethabo.

"I'm from the family of Anansi spiders. We're famous. We're from West Africa. Some of us get into trouble a lot, but I don't. Well, not often anyway," laughed Felix.

"Why are you here?" Lethabo asked.

"You called me," said Felix.

"But I didn't call you!" said Lethabo.

Felix chuckled. "Yes, you did, when you hummed a tune. Now, please close your eyes, I have a surprise for you."

Lethabo put her hands over her eyes. She could hear Felix scuffling around on the floor. Then a sound filled the room. *Dum dum de dum ... dum dum de dum*. It was like the noise her mother had made on the table top, but closer and louder.

"Oh what can it be?" she cried.

"Open your eyes!" shouted Felix.

Felix was playing eight drums at the same time. Each tiny foot was on a drum. The drums were in a circle around him. His head was bent as he beat each drum. *Dum dum de dum ... dum dum de dum*.



"Oh I love it!" Lethabo beamed. She jumped around the room singing as he played.

The sound of the drums and Lethabo's singing filled the small room. It bounced off the walls, rose to the ceiling, dropped onto the carpet, wriggled inside their bellies, tickled their toes and joined the beat of their hearts.

"Lethabo, are you okay?" Her mama's face peered round the door.

"Oh yes, Mama," said Lethabo. "I was just thinking about my birthday."

Lethabo's mama closed the door and went back to the kitchen. "Oh dear, what am I going to do?" she said.

"Felix! Where are you?" Lethabo looked under the bed. "You can come out now."

"That was close!" said Felix. "Grown-ups like to chase me."

"Please tell me why you came to see me," said Lethabo.

"Well, I know it's your birthday tomorrow. What do you want?" asked Felix.

"A drum, Felix! I want a drum!" Then Lethabo felt a bit sad. "But it's too late. The shops are closed."

"Hee, hee," chuckled Felix. "Just ask your mother for a drum. Ask for a drum from West Africa. Now close your eyes again and make a wish. Goodbye, Lethabo!"

Lethabo closed her eyes, "I wish I had a drum," she said. She opened her eyes. Felix was gone.

“Mama! Mama!”

“Yintoni, Lethabo?” wabuza umama kaLethabo lo gama abaleka engena kwele gumbi.

“Mama, ndingathanda ukufumana igubu njengesipho sosuku lwam lokuzalwa!”

“Hayi bo Lethabo – igubu?” Umama wakhe wanikina.

“Ingabilogubu nje, Mama. Incede ibe ligubu elivela eNtshona Afrika.” Watsho ecula edanisa egumbini lakhe. *Dam dam di dam!*

Umama kaLethabo wamamela intombi yakhe icula. Wacinga ngotata wakhe. Wayenkhumbula ehleli phandle egcakamele ilanga. Phakathi kwenilenze yakhe kwakukho igubu elikhulu. Wayelibetha, ebizela onke amadoda nabafazi belali ukuba beze ethekweni. Kwakuvutha umlilo. Wayencumle ejonge ulethabo, umzukulwana osandul’ ukuzalwa, njengokuba wayezele esingathwe ngumina nje.

“Owu, ndiyamkhumbula utata wam,” uMama wacinga njalo. “Kodwa khawume kancinane! Ndisenazo izinto zakhe ezihle phaya esuthikhevisini phantsi kwebhedini yam.”

UMama wayifumana isuthikhevisi endala phantsi kwebhedini. “Owu hayini, kuzele izigcawu nje apha kuyo!” wakhaliza uMama.

Zithe zakuya ilizwi lakhe izigcawu, zabaleka zazimela. Umama wayitsala isuthikhevisi waza wayivula. Ngaphakathi kuyo wafumana igubu elincinane – elibukhulu bulungele kanye ulethabo.

“Owu, enkosi Tata! Ndiyalikhumbula eli gubu! Wawulenzele ulethabo!”



Kwakuthe cwaka egumbini lokulala likaLethabo. Ngokuthe cwaka, uMama wachwechwa waya kwelo gumbi waza wavula ucango. Ukukhanya okuvela enyangeni kwakukhanyisa ebusweni bentombi yakhe lo gama ileleyo. UMama wabeka igubu phantsi ecaleni kwebhedini waze waphuza ulethabo esidleleni. “Min’ emnandi kuwe, Lethabo,” watsho esebeza. “Min’ emnandi kuwe, ngeminqweno emhle evela kum notaf’ omkhulu wakho.”

Fold



Drive your
imagination

Nal’ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukozonwabisa nokuvuselela umdla ebantwaneni ngokubalisa amabali nokufunda. Ngeenkcaukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi



Konke kugqala ngembali...

4

Umqweno wosuku lokuzalwa

Iibhalwe nguMichelle Friedman
Imifanekiso ngu-Alzette Prins
Iguqulelwe esiXhoseni nguNobuntu Stengile

“Owu Nkosi yam,” wazicingela njalo umama kaLethabo ehleli etafileni yasekhitshini. “Ndiza kwenza njani? Ngomso lusuku lokuzalwa lukal’ethabo kwaye andnamali yoneleyo yokumthengela isipho.”

ULethabo wayemi ngasesinkini ehambisa ingoma lo gama ahlamba izitya. “Mmmm la la ...
Mmmm la la.”



“Lethabo,”
watsho uMama,
“lusuku lwakho
lokuzalwa ngomso.
Ndingakunika ntoni?”

“Owu Mama,” watsho
ul’ethabo, “Andizazi
ukuba ndifuna
ntoni na.”

“Ndizakuthe
ndicinge ngento
endinokukunika
yona,” uMama utshilo.

Dam dam di dam ... dam dam di dam. UMama wayebetha itafle kancinane ngeminwe yakhe. ULethabo wasithanda eso sandi. “*Dam dam di dam ... dam dam di dam,*” wayeculela ezantsi njengokuba esiya kwigumbi lakhe lokulala. Wakhulula izihlangu zakhe wahlala ebhedini. “Ndifuna ntoni ngosuku lwam lokuzalwa?” wazibuza ul’ethabo ekhwaza.

“Kuyamangalisa ukuba ubuze loo nto!” kwatsho ilizwi.

“Ngubani lowo?” wabuza ul’ethabo esima ngeenyawo. “Ndingaboni mntu nje apha.”

“Ndiphantsi kwebhedini!” latsho ilizwi.

“Nceda uphume apho!” ULethabo watsibela ebhedini yakhe kwakhona. “Iyumu!”

1

5

Apho phambi kwakhe kwakumi isigcawu. Sasimi ngemilenze yaso esibhozo. Yayikhangeleka ngathi zizinti.

“Ndicela uxolo ngokukoyikisa!” Isigcawu sathoba intloko yaso. “Igama lam ndingufelix. Ndisisigcawu esituhlobo lwe-Anansi”.



“Mna ke ndinguLethabo. Ndiyawuthanda umnqwazi wakho!”

“Enkosi, Lethabo. Umnqwazi lo wam uvela eGhana! Imibala yawo yeyeflegi yaseGhana – ubomvu, umthubi naluhlaza.”

“Iphi iGhana?” wabuza uLethabo.

“Ikude kakhulu, ise-Afrika,” waphendula uFelix.

“Yintoni isigcawu sohlobo lwe-Anansi?” wabuza uLethabo.

“Ndiphuma kusapho lwezigcawu zohlobo lwe-Anansi. Siyaziwa kakulu. Sivela eNtshona Afrika. Abanye bethu bazibona bekwezinkulu iingxaki, kodwa mna andinalo elo lishwa. Okanye ke mandithi, oko akwenzeki rhoqo oko,” utsho ehleka uFelix.

“Ubekwa yintoni apha?” uLethabo wabuza.

“Undibizile,” watsho uFelix.

“Kodwa mna andizikhumbuli ndikubiza nje!” watsho uLethabo.

UFelix wahleka. “Ewe nangoku undibizile, ngeliya xesha ubuhamisha, uculela ezantsi. Ngoku ke, nceda uvale amehlo akho, ndinento emangalisayo endikuphathele yona.”

ULethabo wavala amehlo akhe ngezandla zakhe. Wayemva uFelix ehamba-hamba apha endlwini. Kwavakala isandi esazalisa igumbi. *Dam dam di dam ... dam dam di dam*. Eso sandi sasifana neso sasisenziwa ngumama wakhe ngeminwe etafleni, kodwa sasikufutshane sona kwaye sivakala kakhulu.

“Awu, ingaba yintoni bethu?” wavakala esitsho.

“Vula amehlo akho!” kukhwaza uFelix.

UFelix wayebetha amagubu asibhozo ngaxeshanye. Unyawana lwakhe ngalunye lwaluphezu kwegubu. Amagubu ayenze isangqa, emjikelezile. Intloko yakhe yayijikeleza lo gama abetha igubu ngalinye. *Dam dam di dam ... dam dam di dam*.



“Awu ndiyayithanda!” ULethabo wancuma. Watsiba-tsiba ejikeleza igumbi, ecula lo gama uFelix abetha amagubu.

Isandi samagubu kunye nomculo kaLethabo zazalisa elo gumbi lincinane. Sasingqubeka eludongeni, sinyukele esilingini, sihlele ekhaphethini, siziqhusheke eziswini zabo, sinamzelele iinzwane zabo kwaye sihambelana nesingqi sokubetha kwentliziyo zabo.

“Lethabo, ingaba konke kulungile?” Umama wakhe wakroba ngaphaya kocango.

“Owu, ewe Mama,” watsho uLethabo. “Bendicinga nje ngosuku lwam lokuzalwa.”

Umama kaLethabo wavala ucango wabuyela ekhithshini. “Owu nkosi yam, kazi yinto endiza kuyithini le?” utshilo.

“Felix! Uphi?” ULethabo wakhangele phantsi kwebhedhi. “Ungaphuma ke ngoku.”

“Ndiphantse ndabhaqwa!” utshilo uFelix. “Abantu abadala bayathanda ukundigxotha.”

“Nceda undixelele ukuba kutheni uze kundibona,” watsho uLethabo.

“Kulungile ke, ndiyazi ukuba lusuku lwakho lokuzalwa ngomso. Ufuna isipho esiyintoni?” wabuza uFelix.

“Igubu, Felix! Ndifuna igubu!” Kwangoko uLethabo waziva elusizi. “Kodwa sele sishiywe lixesha lokulithenga. Zonke iivenkile sele zivalile.”

“Ha, ha,” wahleka uFelix. “Cela nje igubu kumama wakho. Cela nje igubu laseNtshona Afrika. Ngoku ke cimela kwakhona ze ucele okunqwenelayo entliziweni yakho. Usale kakuhle Lethabo!”

ULethabo wacimela, “Akwaba bendinegubu,” watsho. Wavula amehlo akhe. UFelix wayesele emkile.

To Nal'ibali...

Thank you everyone for your birthday messages! We really appreciate them all, so keep sending them! Here are some of the ones we have received.

Eziya kuNal'ibali...

Sibulela wonke ubani othe wasithumelela imiyalezo yeminqweno emihle yokugqiba unyaka! Siyonwabele kakhulu xa iyonke, ngoko ke hlalani niyithumela njalo! Nantsi eminye yayo esithe sayifumana.

You have helped us to reach many children in deep rural KZN and develop in them a love of reading. May our partnership continue to grow and develop as together we have allowed these children to do. Happy birthday, Nal'ibali!

Family Literacy Project, KZN

Nisincede safikelela kubantwana abaninzi basezilalini e-KZN, saze saphuhlisa kubo uthando lokufunda. Yanga intsebenziswano yethu ingahlala ikhula njalo, njengoko sithe ngokubambisana sabenza abantwana baphuhla nabo. Min' emnandi kuwe, Nal'ibali!

Family Literacy Project, KZN

Long live Nal'ibali, you're doing a wonderful job in many communities. Happy, happy birthday.

Faith Kumalo, Reading Club Facilitator, Bomvini Reading Club, KZN

Happy birthday, Nal'ibali! Two years, hundreds of supplements and thousands of readers all over the country! Congratulations on your fabulous achievements. We love working with you to get South Africa reading.

The FunDza Literacy Trust

Phila ngonaphakade Nal'ibali, wenza umsebenzi omhle noncomekayo kuluntu jikelele. Min' emnandi kuwe.

Faith Kumalo, Reading Club Facilitator, Bomvini Reading Club, KZN

Nal'ibali, may you grow from strength to strength in assisting us with regard to the sharing of lovely stories with children in the communities.

Zenzile Shelembe, Reading Club Facilitator, Mathendeni Reading Club, KZN

Min' emnandi kuwe, Nal'ibali! Iminyaka emibini, amakhulu-khulu eentlelo kunye namawaka-waka abafundi kwilizwe liphela! Siyavuyisana nani ngempumelelo yenu. Siyakuthanda ukusebenzisana nani ukwenza uMzantsi Afrika ufunde.

The FunDza Literacy Trust

Sithi ukhule ungakhokhobi Nal'ibali noncedo osiphathela lona ngokuphathelene nokwabelana ngamabali amnandi nabantwana kuluntu olusingqongileyo.

Zenzile Shelembe, Reading Club Facilitator, Mathendeni Reading Club, KZN



Tristan and Ethan from KwaZulu-Natal send their birthday wishes.

UTristan kunye noEthan abavela KwaZulu-Natal bathumele iminqweno yabo emihle yosuku lokuzalwa.



Asive, Reading Club Member, KwaFaku Reading Club, Western Cape

U-Asive, iLungu leKlabhu yokuFunda, iKwaFaku Reading Club, eNtshona Koloni



Bontle Dolo, Reading Club Member, KwaFaku Reading Club, Western Cape

UBontle Dolo, iLungu leKlabhu yokuFunda, iKwaFaku Reading Club, eNtshona Koloni

Win! Make Nal'ibali a birthday card and send it to us to stand a chance of winning a book hamper worth R1 000! (There are also two runner's up prizes: book hampers worth R500 each.) Send your cards to: PRAESA, Suite 17-201, Building 17, Waverley Business Park, Wycroft Road, Mowbray, 7700. Don't forget to include your contact details. Competition closes 2 July 2014.



Wina! Yenzela uNal'ibali ikhadi losuku lokuzalwa uze ulithumele kuthi ukuze ubesethubeni lokuphumelela ihempu yeencwadi exabisa i-R1 000! (Kwaye kukho namabhaso entuthuzelo amabini kwabaphume isibini nesithathu: ihempu zeencwadi ezixabisa ama-R500 inye.) Thumela ikhadi lakho kule dilesi: PRAESA, Suite 17-201, Building 17, Waverley Business Park, Wycroft Road, Mowbray, 7700. Ungalibali ukubhala iinkcukacha zakho zonxibelelwano. Ukhuphiswano luvala ngomhla wesi-2 kweyeKhala kowama-2014.

Story corner

Here is the final part of the well-known Aesop's Fable retold in a South African setting. Enjoy reading it aloud or retelling it.

The boy and the jackal

(Part 2)

Retold by Wendy Hartmann

One week later the young boy did the same thing. He shouted and ran to the village. "Jackal! Help! Come quickly."

Once again the villagers came running to help him. Once again they found no jackal. This time they wanted to know what was going on.

"We cannot see any tracks," someone said.

"Your sheep do not look scared at all," said someone else.

The villagers did not stay for long and grumbled to each other as they made their way home.

Then the day came when the boy did see a shape move near the rocks. It was a jackal and it was sneaking closer and closer to his sheep. This time he really shouted loudly.

"HELP! HELP! There's a jackal! Come quickly."

As he ran towards the village to find help, he saw the jackal bite one of his sheep. He turned and ran back to his flock, shouting all the time. But no one came to help.

Then the jackal grabbed a lamb and ran back into the bushes by the rocks. The sheep were so frightened that they all ran away. It took the boy hours to find them all and bring them home.

When at last he got home he complained loudly, "Nobody came to help me. I could have been hurt. One of the sheep is hurt and the jackal took one lamb. This time there really was a jackal and nobody listened when I shouted."

"This time?" asked his father. "What do you mean *this time*?"

And the young boy had to tell the truth. His father was very angry.

"I will not punish you," he said. "You will soon find out that once people know that you have told lies, they will never, ever believe you again, even when you are telling the truth. Nobody trusts a liar."

And that was punishment enough for the boy. Nobody in the village believed anything he said ever again.

Tell us if you liked the story, *The boy and the jackal* – SMS "Bookmark" with your name and your comments to 32545. R1,00 per SMS.



Illustration by Natalie Hinrichsen
Umfanekiso nguNatalie Hinrichsen

Indawo yamabali

Nantsi inxalenye yokugqibela yenye yeeNtsomi ezaziwayo zika-Aesop, ebaliswe kwakhona ngokungathi yenzeka kwisimo sentlalo saseMzantsi Afrika. Yonwabela ukuyifunda ngokuvakalayo okanye uyibalise kwakhona.

Inkwenkwana nodyakalashé

(Inxalenye 2)

Ibaliswa kwakhona nguWendy Hartmann

Kudlule iveki le nkwenkwana yenza kwale nto inye. Yakhwaza, ibaleka yaya elalini. "UDyakalashé! Ncedani! Yizani ngokukhawuleza."

Kwakhona abantu behla elalini bebaleka, beza kuyinceda. Kwakhona zange bafumane dyakalashé. Kwesi sihlantlo bafuna ukuqonda ukuba kwenzeka ntoni na kanye.

"Asiboni mkhondo kadyakalashé," watsho omnye.

"Iligusha zakho azikhangeleki zisoyika konke konke," watsho nomnye.

Abantu belali abazange bahlale xesha lide, bambombozela bagoduka.

Lwafika lona usuku apho inkwenkwana yabona into eshukuma kufutshane namatye. Yayingudyakalashé kwaye wayechwechwa, esondela ezigusheni. Ngeli tyeli wakhwaza kakhulu ngokwenene.

"NCEDANI! NCEDANI! Nanku udyakalashé! Yizani ngokukhawuleza."

Lo gama abaleka esiya kufuna uncedo elalini, ubone udyakalashé esiya enye yeegusha zakhe. Waguquka ebuyela emhlambini wakhe, ekhwaza ngalo lonke elo xesha. Kodwa akuzange kwabakho nomnye umntu oza kumnceda.

Utthe ke ngoko udyakalashé waxhwila itakane wabaleka nalo, waya kutshona ematsholweni ngakuloo mawa. Iligusha zazisoyika kakhulu kangokuba zabaleka zonke. Kwaqengqeleka iiyure le nkwenkwana izama ukuzikhangelana ukuze iziqokelele zonke, ize izigoduse.

Ngeligeni yathi yakufika ekhaya, yakhalaza kakhulu, "Akukho namnye umntu oze kundinceda. Ngendenzakele. Enye yeegusha yenzakele kwaye udyakalashé ubaleke nelinye itakane. Kwesi sihlantlo ebekhona ngokwenene udyakalashé kwaye akukho nomnye othe wandimamela ndakukhwaza."

"Kwesi sihlantlo?" kubuza utata wakhe ngomothuko. "Uthetha ukuthini xa usithi *kwesi sihlantlo*?"

Kwanyanzeleka ke ukuba inkwenkwana ithethe inyaniso. Utata wakhe waba nomsindo kakhulu.

"Andisayi kukohlwaya," utshilo. "Uza kukhawuleza ufumanise ukuba xa bathe abantu bafumanisa ukuba uyaphosisa, abasayi kuphinda bayikholelwe into oyithethayo kwakhona, nokuba sele uthetha inyaniso. Akukho nabani na olithembayo ixoki."

Eso yaba sisohlwayo ngokwaneleyo kule nkwenkwana. Akuzange kubekho nomnye umntu kuloo lali owaphinda wayikholelwa into eyithethayo.

Sixelele ukuba ulithandile kusini na ibali elisihloko sithi, *Inkwenkwana nodyakalashé* – SMSa u-"Bookmark" negama lakho kunye namagqabantshintshi akho ngebali ku-32545. I-SMS nganye ixabisa i-R1,00.

In your next Nal'ibali supplement:

- Fathers and children reading together
- Days to celebrate in June and July
- A Story Star dad
- A teen read, *The skin I live in*
- A zigzag book, *Stella gets stuck*

Have you tried our Nal'ibali ringtone and wallpapers yet? Give your phone a literacy makeover and show your support of reading for enjoyment by going to www.nalibali.mobi for a range of downloads for your phone.

Find us on Facebook:
www.facebook.com/nalibaliSA
Sifumane kuFacebook:
www.facebook.com/nalibaliSA



Kuhlelo lwakho olulandelayo lweNal'ibali:

- Ootata nabantwana befunda kunye
- Iintsuku ezinokubhiyozelwa kweyeSilimela nakweyeKhala
- Utata okwiMbalasane yamaBali
- Iballi elinokufundwa ngabafikisayo, *Isikhumba endiphila kuso*
- Incwadana emajikojiko, *UStella uxingile*

Ingaba ukhe wazizama iingonyana zokukhala kweselula kwanemifanekiso yobuso beselula zikaNal'ibali? Khawuhombise ngokutsha ifoni yakho ngelitheresi ze ubonakalise inkxaso yakho yokufundela ukuzonwabisa ngokundwendwela u-www.nalibali.mobi apho uya kufumana khona intlaninge yezinto onokuzikopela kwiselula yakho.